*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Usuku Oluxakeke Kakhulu!*
*(A Very Busy Day)*
Illustrated by El Marto
Written by Chisanga Mukuka
Designed by Christian Mokuba
Edited by Joey Kok
Translated by Sihle Siko
with the help of the Book Dash participants in Johannesburg on 26 October 2019.

ISBN: 978-1-77623-094-5

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

Namhlanje lusuku oluxakeke kakhulu!
Mna noMama sinezinto ezininzi esiza
kuzenza nesiza kuzibona.

a-very-busy-day_interior_.indd 7 2020/07/03 00:09

Siya esitishini sifumane abantu befole emgceni. Abantu abadala kunye nabancinci, abakhwazayo kunye nabathulileyo, bonke besiya edolophini.



Ndijonge ngefestile eteksini,
ndibona iimoto zidlula.
Iimoto ezibalekayo kunye nezicothayo,
ezinkulu kunye nezincinci.



Kukho izakhiwo ezininzi edolophini! Eziphakamileyo kunye nezifutshane, ezeglasi kunye nezezitena, kuyo yonke indawo endijonga kuyo.

Mna noMama siphuma singena ezivenkileni. Iivenkile zeempahla, kunye neevenkile zeencwadi, iivenkile zeebhegi kunye nezinto nje ezininzi.

a-very-busy-day_interior_.indd 15 2020/07/03 00:10




UMama ulinganisa izihlangu. Izihlangu ezibomvu kunye nezihlangu eziluhlaza, izihlangu eziphakamileyo kunye nezihlangu eziphantsi.

a-very-busy-day_interior_.indd 16 2020/07/03 00:10

Kwivenkile enkulu sigcwalisa itroli ngokutya. Iibhokisi zesidudu sakusasa, kunye neengxowa zeziqhamo. Iingxowa zomgubo wengqolowa kunye neebhotile zesiselo.

a-very-busy-day_interior_.indd 23 2020/07/03 00:10

UMama undibonisa izinto zokudlala yaye athi mandikhethe! Kukho izinto zokudlala ezithambileyo kunye nezingqukuva, ezikhwazayo kunye nezibalekayo.

Namhlanje sithenge izinto ezininzi! Iingxowa zokutya kunye neengxowa zeempahla. Ipere yezihlangu kunye nezinye izinto ezimnandi.

a-very-busy-day_interior_.indd 27 2020/07/03 00:10



Ekhaya, kwindlu yethu ethe cwaka, ndikhupha isipho esikhethekileyo uMama asithengele nje mna!

